Indlela abachongwa ngayo abahlohli bomthetho ukuba babe ngamalungu eBhodi

2. (1) Kulo mmiselo igama elithi “ilungu eliqhelekileyo” lithetha—
 - (a) xa kuyiSouth African Law Deans Association, umntu olilungu eliqhelekileyo layo, njengoko echazwe ngumgaqo-siseko weSouth African Law Deans Association; kuze
 - (b) xa kuyiSociety of Law Teachers of Southern Africa, lithethe umntu olilungu eliqhelekileyo layo, njengoko echazwe ngumgaqo-siseko weSociety of Law Teachers of Southern Africa, owavunywa ngoJanuwari 26, 1989 waza wenziwa utshintsho ngoJulayi 1990, nangoJulayi 1994, nangoJanuwari 1996, nangoJulayi 2003.
- (2) Nanini na xa kuthi kwiBhunga kubekho isithuba sengqonyela yecandelo kwicandelo lomthetho, iBhunga malithumele isaziso kuMongameli weSouth African Law Deans Association, lisithi kuye makachonge, ngaphambi kokuba kubethe umhla oxeliweyo, ingqonyela yecandelo lomthetho kwiyunivesithi ekwiRiphablikhi ukuba ibe lilungu leBhunga njengoko kuxelwe kwisiqendu 7(1)(b) salo Mthetho.
- (3) UMongameli weSouth African Law Deans Association makathi, zingekapheli iintsuku ezili-14 esifumene isaziso ekuthethwe ngaso kummiselwana (2), athumele isaziso nge-imeyile kwilungu ngalinye eliqhelekileyo leAssociation, esithi

makunyulwe iingqonyela zecandelo lomthetho eziza kuchongelwa ukuba kwiBhunga kwisithuba esithe sabakho.

(4) Isaziso ekuthethwe ngaso kummiselwana (3)—

- (a) masikhumbuze amalungu aqhelekileyo oko kutshiwo sisiqendu 7(2) salo Mthetho; kwaye
- (b) masixelele umhla omawungadluli amagama abanyuliweyo engekathunyelwa kuMongameli, mhla lowo ongamele ube ngaphantsi kweentsuku ezili-10 ukususela kumhla wesaziso.

(5) Ukunyulwa kwengqonyela yecandelo lomthetho makwenziwe ngoxwebhu olunale ngcombolo ilandelayo ngalowo unyulwayo:

- (a) igama lakhe nenombolo yakhe yesazisi;
- (b) uhlanga alulo nobuni bakhe;
- (c) ukuba ugogekile okanye unesiphene kwaye unqwenela ukuyixela loo nto, kuxelwe oko kugokeka okanye isiphene; kwakunye
- (d) nolwazi analo namava kwizinto ezixelwe kwisiqendu 7(2)(e) salo Mthetho.

(6) Uxwebhu lokunyula ekuthethwe ngalo kummiselwana (5)—

- (a) malutyikitywe ngamalungu amabini aqhelekileyo;
- (b) malubhalwe phezu kotyikityo lwakhe lowo onyulwayo, amazwi athi uyakwamkela ukunyulwa kwakhe;
- (c) malube namazwi aqinisekiso alowo onyulwayo athi—
 - (i) ingcombolo enikiweyo apho ichanile; kwaye
 - (ii) akukho nto emenza angafaneleki ngokwisiqendu 8 salo Mthetho ukuba abe lilungu leBhunga; kwaye
 - (iii) maluthunyelwe nge-imeyile kuMongameli weSouth African Law Deans Association.

(7) Ukuba kunyulwe abagqatswa abangaphezu komnye, uMongameli weSouth African Law Deans Association makathi zingekapheli iintsuku ezili-14 ukususela kumhla wokugqibela ekwakufuneka ngawo ukuba amagama abanyuliweyo athunyelwe nge-imeyile ngokommiselwana (4), athumele kwilungu ngalinye eliqhelekileyo leAssociation nge-imeyile ikopi yawo onke amaxwebhu okunyula aze acele elo lungu eliqhelekileyo ukuba livote nge-imeyile eliyithumela kuMongameli, ungekabethi umhla othile oxeliweyo, livotela iingqonyela yecandelo lomthetho enye ukuba ichongelwe ukuba kwiBhunga.

(8) Emva komhla ekwakufuneka ngawo ukuba makabe amagama abanyulwayo athunyelwe nge-imeyile ngokommiselwana (7), uMongameli weSouth African Law Deans Association—

- (a) makavule ii-imeyile azithunyelelweyo aze abale iivoti ezifunyenweyo, ekwenza oko kukho ubuncinane elinye ilungu eliqhelekileyo;
- (b) makazigcine ii-imeyile azifumeneyo ithuba eliziinyanga ezintathu ukususela kumhla ekuthethwe ngawo kummiselwana (4); aze
- (c) lisakuphela elo thuba eliziinyanga ezintathu azitshabalalise zonke ezo imeyile, ngaphandle kokuba uyalelwe ngenye indlela ngumyalelo wenkundla.

(9) Ukuba kukho ikhonkco phakathi kwabanyulwa ababini nangaphezulu, nto leyo ebangela ukuba kungaqinisekwa ukuba ngowuphi ofumene iivoti ezininzi, oko kungaqiniseki makusonjululwe ngoko nangoko ngokuthi kwenziw'

iqashiso nguMongameli weSouth African Law Deans Association ngendlela egqitywe nguye, kukho nelungu elinye eliqhelekileyo ubuncinane.

(10) UMongameli weSouth African Law Deans Association—

- (a) makenze ukuba umntu ngamnye onyuliweyo aziswe ngesiphumo sokuvota; aze
- (b) azise iBhunga ngeenkcukacha zengqonyela yecandelo lomthetho echongiweyo.

(11) Nanini na xa kuthi kubekho kwiBhunga isithuba somhlohli womthetho, iBhunga malithumele isaziso kuMongameli weSociety of Law Teachers of Southern Africa, lisithi mawuthi ungekabethi umhla othile oxeliweyo iSociety leyo ichonge umhlohli womthetho kwicandelo lomthetho kwiyunivesithi ekwiRiphabliki, abe lilungu leBhunga njengoko kuxelwe kwisiqendu 7(1)(b) salo Mthetho.

(12) UMongameli weSociety of Law Teachers of Southern Africa makathi zingekapheli iintsuku ezili-14 esifumene isaziso ekuthethwe ngaso kummiselwana (11), athumele nge-imeyile kwilungu ngalinye eliqhelekileyo leSociety, esithi makunyulwe abahlohli bomthetho bachongelwe ukuba kwiBhunga kwisithuba esithe sabakho.

(13) Isaziso ekuthethwe ngaso kummiselwana (12)—

- (a) masikhumbuze amalungu aqhelekileyo oko kutshiwo sisiqendu 7(2) salo Mthetho; kwaye
- (b) masixelele umhla omawungadluli engeka-imeyilwa amagama abanyuliweyo kuMongameli, mhla lowo omawungabi ngaphantsi kweentsulu ezili-10 ukusuka kumhla wesaziso.

(14) Ukunyulwa komhlohli womthetho makwenziwe ngoxwebhu olunika le ngcombolo ilandelayo ngalowo onyulwayo:

- (a) igama lakhe nenombolo yakhe yesazisi;
- (b) uhlanga alulo nobuni bakhe;
- (c) ugogekile okanye unesiphene kusini na nokuthi unqwenela ukukuxela kusini na oko, akuxele ukuba ufuna ukukuxela, exela nokuthi ugogeke hlobo luni okanye unesiphene esinjani;
- (d) nolwazi lwakhe namava kwizinto ezixelwe kwisiqendu 7(2) salo Mthetho.

(15) Uxwebhu lokunyula ekuthethwe ngalo kummiselwana (14)—

- (a) malutyikitywe ngamalungu amabini aqhelekileyo;
- (b) malubhalwe phezu kotyikityo lwakhe lowo onyulwayo, amazwi athi uyakwamkela ukunyulwa kwakhe;
- (c) malube namazwi aqinisekiswa alowo onyulwayo athi—
 - (i) ingcombolo enikiweyo apho ichanile;
 - (ii) akukho nto emenza angafaneleki ngokwisiqendu 8 salo Mthetho ukuba abe lilungu leBhunga; kwaye
- (d) maluthunyelwe nge-imeyile kuMongameli weSociety of Law Teachers of Southern Africa.

(16) Ukuba kunyulwe abagqatswa abangaphezu komnye, uMongameli weSociety of Law Teachers of Southern Africa makathi zingekapheli iintsuku ezili-14 ukususela kumhla wokugqibela ekwakufuneka ngawo ukuba amagama abanyuliweyo athunyelwe nge-imeyile ngokummiselwana (13), athumele kwilungu ngalinye eliqhelekileyo leAssociation nge-imeyile ikopi yawo onke amaxwebhu okunyula aze acele elo lungu eliqhelekileyo ukuba livote nge-imeyile eliyithumela kuMongameli,

ungekabethi umhla othile oxeliweyo, livotela umhlohli womthetho omnye ukuba achongelwe ukuba kwiBhunga.

(17) Emva komhla ekwakufuneka ngawo ukuba makabe amagama abanyulwayo athunyelwe nge-imeyile ngokommiselwana (16), uMongameli weSociety of Law Teachers of Southern Africa—

- (a) makavule ii-imeyile azithunyelelweyo aze abale iivoti ezifunyenweyo, ekwenza oko kukho ubuncinane elinye ilungu eliqhelekileyo;
- (b) makazigcine ii-imeyile azifumeneyo ithuba eliziinyanga ezintathu ukususela kumhla ekuthethwe ngawo kummiselwana (13); aze
- (c) lisakuphela elo thuba eliziinyanga ezintathu azitshabalalise zonke ezo imeyile, ngaphandle kokuba uyalelwe ngenye indlela ngumyalelo wenkundla.

(18) Ukuba kukho ikhonkco phakathi kwabanyulwa ababini nangaphezulu, nto leyo ebangela ukuba kungaqinisekwa ukuba ngowuphi ofumene iivoti ezininzi, oko kungaqiniseki makusonjululwe ngoko nangoko ngokuthi kwenziw' iqashiso nguMongameli weSociety of Law Teachers of Southern Africa ngendlela egqitywe nguye, kukho nelungu elinye eliqhelekileyo ubuncinane.

(19) UMongameli weSociety of Law Teachers Association of Southern Africa—

- (a) makenze ukuba umntu ngamnye onyuliweyo aziswe ngesiphumo sokuvota; aze
- (b) azise iBhunga ngeenkukacha zomhlohli womthetho ochongiweyo.

(20) Ukuchongwa kokuqala kwamalungu eBhunga ekuthethwe ngako kwisiqendu 7(1)(b) makuqhutywe phantsi kwegunya leQonga Lomsebenzi Wobugqwetha elisekwe ngokwesiqendu 96(1) salo Mthetho, ekuya kuthi ke kusebenze lo mmiselo ekuchongweni kokuqala, kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneke.

Isiqinisekiso emasikhutshwe ngumabhalane weCandelo leNkundla Ephakamileyo

3. Isiqinisekiso emasikhutshwe ngumabhalane ngokwesiqendu 25(3) salo Mthetho masibe kwimo efana kakhulu naleyo yeSongezo A esikule mimiselo.

Amava afanelekileyo

4. (1) Amava alandelayo anokuthathwa njengamava afanelekileyo afunwa sisiqendu 25(3) salo Mthetho:

- (a) ukusebenza njengegqwetha leejaji komntu othe wamkelwa ukuba asebenze njengegqwetha leejaji leNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika ngokwesiqendu 3 se*Admission of Advocates Act*, okanye komntu othe wamkelwa waza wabhaliswa njengegqwetha leejaji ngokwalo Mthetho nothe wasebenza njengegqwetha leejaji ixesha elinganqamkiyo elingekho ngaphantsi kweminyaka emithathu ngaphambi komhla wokwenza isicelo, kodwa ke eli xesha lingancitshiswa liBhunga ukuba elo gqwetha leejaji liye laya kuqeqesho lokumela abantu enkundleni, iluqeqesho oluvunywe liBhunga njengoko kuxelwe kwimigaqo;
- (b) ukwenza umsebenzi wobumantyi komntu oqeshelwe ukuba yimantyi ngokwesiqendu 9 se*Magistrates' Courts Act* 32 ka-1944 nesiqendu 10 se*Magistrates' Act* 90 ka-1993, kwaye ethe waba kuloo msebenzi ithuba

elinganqamkiyo elingekho ngaphantsi kweminyaka emithathu ngaphambi komhla wesicelo; okanye

- (c) ukwenza umsebenzi wokuba ngumtshutshisi komntu oqeshelwe ukuba ngumtshutshisi ngokwesiqendu 16 se *National Prosecuting Authority Act* 32 ka-1998, kwaye ethe waba kuloo msebenzi ithuba elinganqamkiyo elingekho ngaphantsi kweminyaka emithathu ngaphambi komhla wesicelo.

(2) Kuvumeleke ukuba kuphele ithuba elingekho ngaphezu kweminyaka eli-10 ukususela kumhla igqwetha eligqibele ngawo ukusebenza kule misebenzi mibini ingentla ukuya kumhla wokwenza kwalo isicelo sokuvumeleka ukumela umntu enkundleni.

Indlela esenziwa ngayo enkundleni isicelo somyalelo wokuhlawulwa imbuyekezo

5. (1) IBhunga linokwenz' isicelo nakweyiphi na inkundla enegunya lokuphulaphula eso sicelo, lifuna umyalelo oqinisekisa umyalelo wekomiti yolungiso-zimilo wokuba igqwetha okanye inkampani yamagqwetha ihlawuliswe imbuyekezo, kunye nenzala okanye kungabikho nzala, kuhlrawulwa ummangali ngesenzo esingafanelekanga ekuthiwa senziwe ligqwetha, okanye ligqwetha elisaqeqeshwayo okanye yinkampani yamagqwetha, njengoko kuxelwe kwisiqendu 40(3)(a)(i) nakwisiqendu 40(3)(b)(i) salo Mthetho.

(2) Nasiphi na isicelo ekuthethwe ngaso kummiselwana (1) malaziswe ngaso igqwetha elichaphazelekayo okanye inkampani yamagqwetha echaphazelekayo, kwaye masenziwe ngokwemigaqo yenkundla yemantyi okanye yeNkundla Ephakamileyo.

Iindlela zolondolozo nezinye enokuthi ngazo iBhodi ilondoloze iimali ezingaphaya kwebezilindekile

6. (1) Kulo mmiselo—
amagama athi “impahla engaxoxiyo”—

- (a) yimali;
- (b) zizinto ezamkelwa yibhanki; liphepha lorhwebo; ziidiphazithi ebhankini; ziimali zeLand Bank, ziimali zokwakhiwa kwezindlu elizweni, ziziqinisekiso ekunokurhwetywa ngazo zediphazithi; ziimali zamaqumrhu aphantsi kukarhulumente, ezinokuthi ziguqulwe zibe yimali zingekapheli iintsuku ezisixhenxe;
- (c) neenzala kwimarike yemali yecebo lokulondoloza lentlanganisela; “impahla”, ngokuphathelele kwimali, yimpahla esisiseko eyenza imali; “ibhanki” yibhanki ngendlela echazwe ngayo kwi *Banks Act* 94 ka-1990, nemutual bank ngendlela echazwe ngayo kwi *Mutual Banks Act* 124 ka-1993, ebhaliswe ngokusisigxina; “into enokwamkelwa yibhanki” yimali ngendlela echazwe ngayo kwi *Bills of Exchange Act* 34 ka-1964, eyamkeliweyo yibhanki; “iphepha lonaniselwano” liphepha lonaniselwano lwethutyana;

“ukhetho lokuyibiza” liphepha elivumela oliphethayo ilungelo, kodwa libe lingamnyanzeli, lokuthenga impahla eseyixeliwe ngexabiso eselixeliwe, ngomhla okanye ngaphambi komhla osele uxeliwe;

“isigunyazisi sokuthenga” liphepha elinika lowo oliphethayo ilungelo lokuthenga izabelo kulowo ozikhuphayo;

“Imigqaliselo Yokwenza” yiMigqaliselo Yokwenza emalunga neemali ekhutshwe yiAssociation of Collective Investments South Africa, Migqaliselo leyo eyathi yaqala ukusebenza ngoSeptemba 16, 2008;

“iCollective Investment Schemes Control Act” yiCollective Investment Schemes Control Act 45 ka-2002;

“icebo lokulondoloza ndawonye” licebo ngendlela elichazwe ngayo kwiCollective Investment Schemes Control Act;

“iphepha lorhwebo” kukuvunywa kwetyala lexesha elifutshane elikhutshwe yinkampani;

“ubungakanani besivumelwano” okanye “isandisi”, ngokumayela nephepha lonaniselwano lwemali, yinto eliphindwaphindwa ngayo ixabiso lempahla ukuze kufikwe kwixabiso lesivumelwano esinye njengoko lixelwe—

(a) kwimigaqo yonaniselwano elidweliswe kuyo iphepha lonaniselwano; okanye

(b) kwimigqaliselo njengoko ichazwe kuxwebhu lwephepha lonaniselwano;

“isibambiso esiguqulekayo” sisibambiso ekuthi umnini wesibambiso akwazi ukukhetha ukusibuyisela isibambiso kulowo osikhuphileyo ukuze yena afumane inani elithile lezabelo zalowo osikhuphileyo lingekapheli ixesha elithile;

“amatyala abalulekileyo” ngamatyala eFund ngendlela agqitywe ngayo sisiqendu 72(2) salo Mthetho;

“isivumelwano sokuthatha ngetyala” sisivumelwano esiphakathi kwabantu ababini sokufudusa ityala ngokwendlela ebekuvunyelwene ngayo exeliweyo ngexesha lokungena kwisivumelwano;

“isibambiso” siquka istokhwe sesibambiso, iibhondi zesibambiso, kunye naziphi na ezinye izibambiso zenkampani, enoba zidla kwiimpahla zenkampani okanye akunjalo;

“i~~delta~~”, ngokumayela nephepha lonaniselwano, yimfuneko yokubalwa elubala njengoko igqitywe—

(a) ngokwendlela efunwa liziko lonaniselwano; okanye

(b) yimigqaliselo echazwe kuxwebhu lwephepha lonaniselwano;

“idiphazithi” yidiphazithi ngendlela echazwe kwiBanks Act ka-1990;

“ukugciniswa ngqo” kukugciniswa kungekho bantu abangabanye;

“ukudandalaziswa ngempumelelo”, ngokumayela nephepha lonaniselwano, kukudandalaziswa okubalwe ngokommiselwana (18);

“iiequity”—

(a) zizabelo eziqhelekileyo kwiinkampani, ngaphandle kwezabelo ezikwiinkampani zemihlaba nemizi;

(b) izibambiso eziguqulekayo, kungakhathaliseki ukuba ziguquleka ngokuzithandela okanye ngokunyanzelwa;

(c) nenzala yokuba nenxaxheba kwiicebo lotyalo-mali elinjengoko lichazwe kwisiqendu 2 seMigqaliselo Yokusebenza;

“iphepha lonaniselwano”—

(a) sisivumelwano sexesha elizayo;

- (b) sisivumelwano esinethuba lokuzikhethela, kungakhathaliseki ukuba yicall okanye yiput;
- (c) sisigunyazisi;
- (d) sisiqinisekiso sokuland' umkhondo;
- (e) liphepha lonaniselwano elisekelwe kwimpahla esisiseko;
- (f) sisivumelwano sonaniselwano;
- (g) sisivumelwano sexabiso eliya phambili;
- (h) sisivumelwano sonaniselwano setyala;

kodwa ke kuxhomekeke ekubeni elo phepha lonaniselwano liphelele, ixabiso lalo lihambelana neemarike zemihla ngemihla kwaye lihlangabezana nayo yonke imida esebenza kulo;

“isivumelwano sexabiso eliya phambili” sisivumelwano esiphakathi kwabantu ababini sokuboleka okanye sokubolekisa isixa esithile ngomhla othile okwixesha elizayo ngomlinganiselo wenzala oqingqiweyo ngexesha ekungenwa ngalo kwisivumelwano;

“isivumelwano sekamva” liphepha lonaniselwano esinyanzela umnini walo ukuba athenge impahla esisixa esithile ngexesha ekuvunyelwene ngalo, ngomhla othile okanye ngaphambi kwawo;

“isivumelwano sexesha elizayo seindeksi” likamva kwi-indeksi;

“isiqinisekiso sokulandela umkhondo we-indeksi” sisiqinisekiso esimela zonke iinkampani ezikwi-indeksi ezithile ngokobunzima be-indeksi kunaniselwano;

“iphepha leLand Bank” liphepha ngendlela elichazwe ngayo kwi *Bills of Exchange Act* ka-1964, elibhalwe, lamkelwa okanye lakhutshwa yiLand and Agricultural Development Bank of South Africa, eyasekwa ngokwe *Land and Agricultural Development Bank Act* 15 ka-2002;

“inkampani edwelisiweyo yotyalo-mali” yinkampani edwelisiweyo enjongo yayo iphambili ikukwenza inzuzo kutyalo-mali lwayo, hayi ngenjongo yokulawula;

“iphepha lemarike yemali”—

- (a) liphepha lokwamkelwa yibhanki;
- (b) liphepha lorhwebo;
- (c) sisibambiso esiqinisekisiweyo;
- (d) yidiphozithi;
- (e) sisibambiso-mali seLand Bank;
- (f) sisibambiso-mali sokwakhiwa kwezindlu elizweni;
- (g) sisiqinisekiso sonaniselwano sediphozithi;
- (h) sisibambiso-mali sequmrhu elixhaswa ngurhulumente;
- (i) sisibambiso-mali esisisithembiso;
- (j) nesibambiso-mali senxili yelizwe,

ngokwemali yakweli ethi ngexesha lokuqukwa kwayo kwiFund ibe ingenalo ithuba lokuvuthwa elingaphaya kweenyanga ezili-12;

“isiqinisekiso sonaniselwano sediphozithi” sisiqinisekiso esikhutshwe yibhanki nesinikwa loo mntu ekuyalelwe ukuba masinikwe yena okanye okanye lowo osiphetheyo;

“ukubhenceka kancinane”, ngokumayela nephepha lemali, kukubhenceka ngendlela ebalwe kummiselwana (18);

“izibambiso zikarhulumente ezingezizo ezolinganiso”—

- (a) zizixhobo-mali ezikhutshwe nguRhulumente weRiphabliki yoMzantsi-Afrika ezidweliswe kwiexchange;

(b) nezixhobo-mali eziqinisekiswa ngokuyinxelenye okanye ngokupheleleyo nguRhulumente weRiphabliki;

“izibambiso ezingezizo ezolinganiso”—

(a) zizibambiso zikarhulumente ezingengezizo ezolinganiso;

(b) zizibambiso, sistokhwe sezibambiso, neebhondi zezibambiso, iimali ezingamaphepha ezingakhuselwanga;

(c) neenzala kumacebo okulondoloza adweliswe njengeDomestic Fixed Interest yiCode of Practice;

“isibambiso-mali sequmrhu elixhaswa ngurhulumente” sisibambiso-mali ngendlela esichazwe ngayo kwi*Bills of Exchange Act* 34 ka-1964, esamkelwe okanye esikhutshwe liziko elixhaswa ngurhulumente;

“iziko elixhaswa ngurhulumente” yinkampani okanye ishishini elilelikarhulumente;

“icandelo” licandelo kwisebo eliyintlanganisela lokulondoloza ngendlela elichazwe ngayo kwi*Collective Schemes Control Act* ka-2002;

“iphepha-mali elisisithembiso” liphepha-mali elisisithembiso ngendlela elichazwe ngayo kwi*Bills of Exchange Act* ka-1964;

“umhlaba okanye isakhiwo”—

(a) kukuba nobumnini kumhlaba okanye kwisakhiwo;

(b) nokuba nenxaxheba kumacebo ayintlanganisela olondolozo achazwa njengeReal Estate General Portfolios yiCode of Practice;

“impahla yomhlaba nemizi” yinkampani erhweba ngemizi okanye ngomhlaba ubukhulu becala;

“*iput option*” sisixhobo esivumela lowo onaso ilungelo lokuthengisa inxalenye yempahla yakhe ngexabiso eliqingqwe kwangaphambili, ngomhla othile okanye ngaphambi kwawo, okanye ukufumana imali endaweni yayo;

“*iput warrant*” sisigunyazisi esinika lowo onaso ilungelo lokumthengisela izabelo lowo okhupha esi sigunyazisi;

“ukuhlelwa ngokwenqwanqwa” kukuvakaliswa koluvo lokuba ukweliphi inqwanqwa malunga nokufanelekela ukunikwa izinto ngetyala, ukuzimisela ekuhlawuleni amatyala, izibambiso, zinto ezo ezenziwa ngokucelwa ngulowo ohlela ngokwenqwanqwa ngokusebenzisa yonke ingcombolo eyimfihlo;

“iqumrhu elihlela ngokwenqwanqwa”—

(a) yiStandard & Poor’s (S&P);

(b) yiMoody’s Investor Services Limited okanye iMoody’s Investor Services South Africa (Pty) Limited (Moody’s);

(c) yiFitch Ratings Limited okanye iFitch Southern Africa (Pty) Limited (Fitch Ratings);

(d) neGlobal Credit Rating Co. (GCR);

“isibambiso esikhuselekileyo” sisibambiso esixhaswa okanye esenziwa sikhuseleke yenye impahla elingana naso ngexabiso ukuze ingabikho mngciphekweni yokungabuyi imali ebolekiweyo;

“izibambiso”—

(a) zizabelo;

(b) zizabelo ekukhethwa zona, noba ziyahlanguleka, ziyaguquleka okanye zisisigxina;

(c) ziirisithi zemali efakiweyo kwiinkampani zikawonkewonke;

- (d) zizitokhwe okanye iibhondi;
- (e) ziinzala kwiicebo lolondolozo lentlanganisela, ngaphandle kweenzala kwiicebo lolondolozo eliyintlanganisela kwiibhondi;
- (f) zizibambiso, zizitokhwe zezibambiso neebhondi zezibambiso; okanye
- (g) iinotes, noba zikhuselekile okanye azinjalo; noba zinamalungelo *eoption* okanye ziyaguquleka;

“*istrike price*” lixabiso eliqingqwe kwangaphambili;

“isivumelwano iswap” sisivumelwano esinkqamangelayo esiphakathi kwabantu ababini sokwananiselana ngeemali zexesha elizayo ngokwendlela ekugqitywe ngayo kwangaphambili ethi ixelwe xa kungenwa kweso sivumelwano;

“umqondiso wonaniselwano”, ngokumayela nesibambiso-mali, lulwalathiso, noba lolokuthenga okanye lolokuthengisa, kwaye lube lulungele isibambiso-mali;

“umyalelo wenxili yelizwe” ngumyalelo ophuma kuRhulumente weRiphabliki usiya kuNobhala weNxili Yelizwe, othi iNxili Yelizwe mayihlawule isixa esithile kumntu othile okanye lowo ophethiswe umyalelo, ngomhla othile wexesha elizayo;

“impahla esisiseko” yimpahla esisiseko sesibambiso, ekwasisigunyazisi okanye isivumelwano—

- (a) isibambiso;
- (b) isalathiso esigqitywe lunaniselwano;
- (c) iqela lezibambiso ezingundoqo wesibambiso-mali, noba elo qela lezibambiso limelwa sisalathiso okanye hayi; okanye
- (d) xa kusisigunyazisi, isivumelwano okanye isivumelwano sexesha elizayo, impahla ekuthethwe ngayo kwisiqendu (a), (b), okanye (c) kolu luhlu lokuchazwa kwamagama; lize elithi

“isigunyazisi” lithethe isixhobo esivumela lowo unaso abe nelungelo lokuthenga isixa sezabelo ngexabiso eliqingqwe kwangaphambili ngomhla ogqitywe kwangaphambili okanye ngaphambi kwawo.

(2) Imali egqitywe yiBhodi ngokwesiqendu 72(2) salo Mthetho engafuneki kwangoku ukuba ifeze iimbopheleleko zeFund ngokwalo Mthetho mayilondolozwe yiBhodi ngokwesiqendu 72(3) salo Mthetho ngenye yezi ndlela zilandelayo:

- (a) *money market*;
- (b) izibambiso zikarhulumente ezingezozolinganiso;
- (c) istokhwe salo naliphi na igunya lasekuhlaleni kwiRiphabliki eligunyazwe ngumthetho ukuba lifune iintlawulo zokuba nomzi;
- (d) neemboleko nxamnye nesibambiso sebhondi yokuqala kumhlaba wasedolophini ngokulawulwa yimida njengoko ixelwe kummiselwana (3) no-(4).

(3) IBhodi ayivumelekanga ukuba ilondoloze—

- (a) ngezibambiso ezikhutshwe yinkampani ngemali engaphaya kwe-5%, okanye xa kuyinkampani yeemarike ayivumelekanga ukuba ilondoloze ngesixa esiyi-R2 *billion* okanye ngaphezulu, i-10%, okanye ixabiso leemarike layo yonke impahla eyenza iFund;
- (b) nakwizibambiso zalo naluphi na udidi ezikhutshwe yinkampani ngemali engaphaya kwe-5%, okanye xa kuyinkampani yeemarike ayivumelekanga ukuba ilondoloze ngesixa esiyi-R2 *billion* okanye ngaphezulu, i-10%, okanye xa kuzizibambiso nakweyiphi na inkampani ekuluhlu yokulondoloza, i-10%, yesixa

esidityanisiweyo sezibambiso salo naluphi na uluhlu olukhutshwe yiloo nkampani.

(4) (a) IBhodi ivumeleke kuphela ukuba ilondoloze kwiimarike zemali ezinesilinganiso esenziwe yinkampani eyenza izilinganiso, silinganiso eso emasidandalaziswe, njengoko kuxelwe kwiSongezo B sale mimiselo, kodwa ke iBhodi ayivumelekanga ukuba ilondoloze kwiimarike ukuba ixabsio lingaphaya kwephesenti yexabiso leFund njengoko kuboniswe kwisicangca esingezantsi xa kuthelekiswa nolinganiso lwangaphakathi elizweni okanye lwamanye amazwe:

Isilinganiso esikwiSongezo C	Umda ngesixhobo-mali nalowo osikhuphileyo njengephesenti yayo yonke impahla ezenza ifund
1	30%
2	20%
3	5%

(b) Iyonke imali eyenziwa ifumaneka kwiFund—

- (i) kuye nabani na oyikhuphayto ayivumelekanga ukuba ibe ngaphaya iphesenti esebenza kulinganiso lwexesha elifutshane kwibhendi yolinganiso elingana nayo; kwaye
- (ii) bonke abayikhuphayo abanolinganiso olukwibhendi 3 abavumelekanga ukuba bagqithele ngaphaya kwe-20% yexabiso lemarike leFund.

(c) Ukuba, emva komhla iBhodi elondoloze ngawo kwimarike, loo marike ilinganiswa ingaphantsi kunolinganiso lwayo lomhla wolondolozo, iBhodi mayilungise imeko zingekapheli iintsuku ezingama-30 zolo linganiso, kodwa ke ukuba iBhodi yanelisekile kwinto yokuba olo lungiso luya kuyenzakalisa *ifund*, iBhodi mayithi zingekapheli iintsuku ezili-14 ukusuka kumhla ethe yaba nolwazo lolinganiso oluphantsi, ingeniso isicwangciso emasivunywe nguMphathiswa esixela amanyathelo okulungisa imeko.

(5) Isixa semali esifumanekayo ukuba silondolozwe ngokwesiqendu 72(2) salo Mthetho, sinokulondolozwa yiBhodi ngendlela exelwe kulo mmiselo.

(6) IBhodi ilawulwa yimiqathango nemida yolondolozo exelwe kummiselwana (2) no-(3).

(7) (a) IBhodi isengalondoloza ngee-*equities* ukuya kuthi xhaxhe kwisixa esithi xa sidibene singagqithi kuma-75% exabiso lemarike lazo zonke iimpahla zeFund.

(b) IBhodi isengalondoloza kwiindlela zokukhulisa imali eziselwandle ukuya kuthi xhaxhe kwisixa esithi xa sidibene singagqithi kuma-25% exabiso lemarike lazo zonke iimpahla zeFund.

(8) IBhodi isengalondoloza ngemizi nemihlaba ukuya kuthi xhaxhe kwisixa esithi xa sidibene singagqithi kwi-10% lexabiso lemarike lazo zonke iimpahla zeFund.

(9) IBhodi ayivumelekanga ukuba ilondoloze ngezibambiso ezingezizo ii-*equity* ezikhutshwe yinkampani ukuya kuthi xhaxhe kwisixa esigqitha kuma-20% exabiso lemarike lazo zonke iimpahla ezenza iFund.

(10) IBhodi isengalondoloza kwinzala enenxaxheba yecebo lendibaniselwano lokulondoloza elichazwe kwiMigqaliselo Yokusebenza njengeepotfoliyo ezizii-*equity*.

(11) Imida yokulondoloza exelwe kulo mmiselo kungagqithwa kuyo kuphela ukuba oko kugqitha kungenxa yokunyuka okanye ukuhla kwexabiso lezixhobo-mali ezenza iFunda.

(12) IBhodi ayivumelekanga ukuba ithi, logama ukugqitha okuxelwe kummiselwana (11) kusaqhubeka, ithenge ezinye izixhobo-mali zodidi ekusebenza kuko ukugqitha ekuthethwe ngako.

(13) Bhodi isengaquka izixhobo-mali, kuze kuthi ukuba ngokwale mimiselo iBhodi—

- (a) iyazithengisa izivumelwano zexesha elizayo, ibiza ii-*options* okanye ibiza izigunyazisi, ngokusekelwe kwiimpahla ezithile ezisisiseko ezingezizo izalathi, iBhodi mayihlale inexabiso lemarike lezo mpahla zisisiseko kwiFund;
- (b) iyazithengisa izivumelwano zexesha elizayo, ibiza ii-*options* okanye ibiza izigunyazisi, okanye ithenga i*put options* okanye i*put warrants*, ngokusekelwe kumaxesha azayo ezalathi okanye iqela lezibambiso, iBhodi mayisolo ine ikwimeko yokuzithengisa iimpahla ezifanelekileyo ezisisiseko ezikwiFund, okanye ezinye izixhobo-mali ezinokuthengiseka bhetele ngokufanayo neempahla ezisisiseko kwiFund, ezilingana ubuncinane nokuthengiseka kwezi zixhobo-mali;
- (c) ithenga izivumelwano zexesha elizayo, ii*call options* okanye i*call warrants*, okanye ithengisa i*put options* okanye i*put warrants* ngokusekelwe kwiimpahla ezisisiseko, iBhodi mayizigcine zikwimo yokuthengiswa ezo mpahla ngokuvumelana nemo yokuthengiswa exelwe kummiselwana (15);
- (d) ithengisa i*put options* okanye i*put warrants*, iBhodi inokuthi ilondoloze i*put option* ethengiweyo okanye i*put warrant* ethengiweyo endaweni yeempahla ezikwimo yokuthengiseka njengoko kufunwa sisiqendu (c) kuphela ukuba ixabiso le*put option* ethengiweyo okanye i*put warrant* ethengiweyo alikho ngaphantsi kunexabiso le*put option* ethengisiweyo okanye i*put warrant* ethengisiweyo;
- (e) ithengisa ii*call options* okanye ii*call warrants*, iBhodi inokuthi ilondoloze i*call option* ethengiweyo okanye i*call warrant* ethengiweyo endaweni yeempahla ezisisiseko njengoko kufunwa sisiqendu (a) okanye (b) kuphela ukuba ixabiso le*call options* okanye le*call warrants* lingaphantsi kunexabiso le*call option* ethengisiweyo okanye le*call warrant* ethengisiweyo;
- (f) ithengisa okanye ithenga ii*options* eziliqela okanye ii*warrants* eziliqela ngokusekelwe kwiimpahla ezikwazinye ezisisiseko nezifuna ukubhencwa kancinane kwizixhobo-mali ezixelwe kwisiqendu (c), iBhodi inokuthi izilondoloze iimpahla zikwimo eyimali njengoko kufuneka ukwenzela unaniselwano lwe*option* enye kuphela okanye lwewarrant enye kuphela; kananjalo
- (g) ithengisa okanye ithenga ii*option* eziliqela okanye ii*warrants* eziliqela ngokusekelwe kwiimpahla ezikwazinye ezisisiseko, iBhodi ifuna ukubhencwa kancinane kwiimpahla ezisisiseko ezixelwe kwisiqendu (a) okanye (b).

(14) IBhodi inokuthengisa kuphela izixhobo-mali ezithengileyo.

(15) Ubungakanani bokubhencwa okuncinane kwiimpahla ezikwimo eyimali okubangelwa kukuqukwa kwezixhobo-mali kwiFunda, kunye nexabiso lemarike

lazo zonke izibambiso eziphathekayo ezisisiseko kwiFundu, akuvumelekanga ukuba bube ngaphezu kwe-100% yexabiso lemarike leFundu.

(16) Ukubhencwa okuncinane kwizixhobo-mali kuyo nayiphi na impahla esisisiseko, engesiso isalathiso okanye iqela lezibambiso, kunye lemarike leso sibambiso esisisiseko, akuvumelekanga ukuba kube ngaphezu kweida ebekwe kummiselwana (3).

(17) Ukwenzela ukusebenza kommiselwana (15) nowe-(16), okutshiwo ngummiselwana (3) malunga nokugqithela ngaphaya, okungenxa yokunyuka okanye ukuhla kwexabiso lemarike zezibambiso, kumele kusebenze.

(18) Ukubhenceka kwaso nasiphi na isixhobo-mali kwimpahla esisisiseko, kwiqela leempahla ezisisiseko okanye kwisalathiso, makubalwe njengesiqhamo—

- (a) senani lezivumelwano;
- (b) sobungakanani besivumelwano;
- (c) sexabiso lemarike langoku leso sivumelwano;
- (d) sedelta, ukuba kunjalo;
- (e) nanjengomqondiso wokwenziweyo.

(19) Ukubhencwa okulandelayo kwezixhobo-mali kwizibambiso ze-*equity* linani lazo zonke izibhenco kwizixhobo-mali ezibalwe ngokommiselwana (18).

(20) Ukubhenceka okuncinane kwiimpahla ezikwimo eyimali kwaso nasiphi na isixhobo-mali okufunekayo ngokommiselwana (15) ukuya kowe-(17) makubalwe njengokubhenceka okuncinane kwaso nasiphi na isixhobo-mali esibale ngokommiselwana (18).

(21) Ukubhenceka okuncinane kwiimpahla ezikwimo eyimali yeFundu makubalwe njengesixa sokubhenceka okuncinane kwazo zonke iimpahla ezikwimo eyimali ezibaliweyo zazo zonke izixhobo-mali ezikwiFundu ngokommiselwana (20).

(22) Ukubhenceka okubangelwe ngokuqukwa kwezixhobo-mali makugutyungelwe ngokupheleleyo ziimpahla ezikwimo eyimali okanye, ngokolandelelwano lokubaluleka kwazo, zigutyungelwe ziimpahla ezikwanye, ezifanayo okanye ezifanelekileyo ezisisiseko.

(23) Isigubungelo sokubhencwa kwezixhobo-mali kwizibambiso ze-*equity* ezinokubhenceka okuhle njengoko zibalwe ngokommiselwana (19), makube kwimo yeempahla ezikwimo eyimali ezilingana noko kubhenceka.

(24) Isigubungelo sokubhencwa kwezixhobo-mali kwizibambiso ze-*equity* ezinesiphumo esibi njengoko zibalwe ngokommiselwana (19), mazibe kwimo yeempahla ezisisiseko ezilingana ubuncinane nexabiso lemarike.

(25) Isixa sokubhencwa njengoko sibalwe kummiselwana (19) masilingane neempahla ezikwimo eyimali, kodwa ke iimpahla ezikwimo eyimali kunye nexabiso lemarike lazo zonke iimpahla ezisisiseko akuvumelekanga ukuba ligqithe kwi-100% lexabiso lemarike leFundu.

(26) Ixabiso leempahla ezikwimo eyimali emazigcinwe njengesigubungelo ngokwalo mmiselo linokuncitshiswa ngesixa esikwiakhawunti ene-*exchange*.

Izinto emazikukwe kwingxelo yonyaka yeBhodi yeFidelity Fund Yamagqwetha

7. IBhodi mayiquke le ngcombolo ilandelayo kwingxelo yonyaka ethunyelwa kwiBhunga nakuMphathiswa ngokwesiqendu 75(3) salo Mthetho:

- (a) naluphi na utshintsho olwenzekileyo kwindlela eyakheke ngayo iBhodi kwisithuba ekuthethwa ngaso kuloo ngxelo; nokuthi
- (b) xa ilungu leBhodi liye lashenxiswa ngokwesiqendu 69 salo Mthetho, kunikwe iinkcukacha zokushenxiswa kwalo nezizathu zako.

Igama layo

8. Le mimiselo ibizwa ngokuba yiMimiselo engokwesiqendu 109(1)(bA) soMthetho Wobugqwetha ka-2014.

ISONGEZO A (Ummiselo 3)

ISIQINISEKISO NGOKWESIQENDU 25(3) SOMTHETHO WOBUGQWETHA KA-2014

Ndakuba ndisifundile isicelo esingokwalo Mthetho ongentla esingeniswe ngu-
(amagama apheleleyo, ifani nenombolo yesazisi segqwetha)

kwaye ndakuba ndizanelisile kwinto yokuba isicelo sivumelana neemfuneko zesiqendu
25(3) salo Mthetho,
ke ngoko, Mna,
(amagama apheleleyo kamabhalane wenkundla)_____
uMabhalane Wenkundla Ephakamileyo kwiCandelo Lase_____,
ngokwenjenje ndiqinisekisa ukuba lo osele exeliwe
(amagama egqwetha)_____
unelungelo lokumela abantu kwiNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika,
nakwiNkundla Ephakamileyo Yezibheni, nakwiNkundla YoMgaqo-siseko.

Sityikitywe e_____, ngalo mhla _____

UMABHALANE WENKUNDLA EPHAKAMILEYO
ICANDELO LASE_____

ISONGEZO B (Ummiselo 6(4))

IZILINGANISO EZISEBENZA ELIZWENI LONKE ZAMAQUMRHU EZILINGANISO

	S&P	ezakwaMoody	ezakwaFitch	GCR
--	-----	-------------	-------------	-----

Isiling a-niso se- Mone y Marke t	Isiling a-niso sexes ha elide	Isilinga- niso sexesha elifutsha ne	Isiling a-niso sexes ha elide	Isilinga- niso sexesha elifutsha ne	Isiling a-niso sexes ha elide	Isiling a-niso sexes ha elifu- tshane	Isiling a-niso sexes ha elide	Isiling a-niso sexes ha elifu- tshane
1	AAA	A-1+	Aaa.za	Prime 1.za	AAZa f	F1+zaf	AAA	A1+
	AA+	A-1+	Aa1.za	Prime 1.za	AA+zaf	F1+zaf	AA+	A1+
	AA	A-1+	Aa2.za q	Prime 1.za	AAzaf	F1+zaf	AA	A1+
	AA-	A-1+	Aa3.za	Prime 1.za	AA-zaf	F1+zaf	AA-	A1
2	A+	A-1	A1.za	Prime 1.za	A+zaf	F1+ zaf or F1zaf	A+	A1
	A	A-1	A2.za	Prime 1.za or Prime 2.za	Aazaf	F1zaf	A	A1
	A-	A-2	A3.za	Prime 1.za or Prime 2.za	A-zaf	F1zaf or F2zaf	A-	A1-
3	BBB+	A-2	Baa1.z a	Prime 2.za	BBB+z af	F2zaf	BBB+	A2
	BBB	A-2	Baa2.z a	Prime 2.za or Prime 3.za	BBBza f	F2zaf or F3zaf	BBB	A2

Qaphela:

1. Esi sicangca singentla sibhekisela kwizilinganiso zalapha elizweni.
2. Xa isixhobo-mali, okanye iqumrhu okanye inkampani inikwa isilinganiso ngamaqumrhu amabini nangaphezulu, kusebenza isilinganiso esisesona sisezantsi.
3. Xa isilinganiso sexesha elifutshane sesixhobo-mali sithabatha indawo engaphezu kwesilinganiso esinye, makubhekiselwe kwisilinganiso sexesha elide ukuze kuqondakale ukuba sesiphi isilinganiso esisebenzayo.

Printed by and obtainable from the Government Printer, Bosman Street, Private Bag X85, Pretoria, 0001
Contact Centre Tel: 012-748 6200. eMail: info.egazette@gpw.gov.za
Publications: Tel: (012) 748 6053, 748 6061, 748 6065